

## Uthando Oluhlaselayo



---

### SABATHA EMVA KWEMINI

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

Isa. 55:1–7; Isa. 55:6–13; Isa. 58:1–12; Isa. 58:13, 14.

#### Indima Yenkumbulo:

“Wamvukelisa olambileyo ngento oyidlayo, wawuhluthisa umphefumlo wocinezelweyo; kophumela ke ukukhanya kwakho emnyameni, nesithokothoko sakho sibe njengemini enkulu” (*Isaya 58:10*).

**I**nkokeli yonqulo yomYuda nenkosikazi yayo, ababelhala eLincoln, eNbraska, baqala ukufumana izoyikiso neentetho ezikrwada efowunini. Bafumanisa ukuba owayesenza iintetho yaye iyinkokeli yeqela elizaliswe yintiyo laseMelika iKu Klux Klan. Ngokumazi ukuba ungubani, babenako ukumsa emapoliseni. Baya bagqiba kwindlela egadalala yokumngena. Bathi bakwazi ukuba wayesisiqhwala, baya kufika ekhayeni lakhe bephethe isidlo esinenkuku! Wadana ngendlela engummangaliso. Intiyo yakhe yanyibilika phambi kothando lwabo. Esi sibini saqhubeka nokumtyelela, baza bakhula ubuhlobo. Wada wadinga ukuba abe ngumYuda! “Ukuzila endikunyulileyo asikoku na: ukucombulula izitropu zeedyokhwe, ukundulula abavikivekileyo bekhululekile, naphule zonke iidyokhwe? Asikoku na: ukumqhekezela esonkeni sakho olambileyo, . . . ?” (Isa. 58:6, 7). Ngendlela ephoxayo, isibini saseLincoln salugcina uzilo olunjalo ngokwabelana ngesidlo setheko laso nomcinezeli olambileyo, ngaloo ndlela bemkhulula kwezakhe iimbophelelo zokugweba okungenabulungisa! Masifunde ngakumbi ngalo mthetho–siseko ubalulekileyo njengoko uchazwe ngumprofeti uIsaya.

*\*Funda isifundo sale veki ulungiselala iSabatha kaMatshi 13.*

## Ukuthenga Into Ngesisa? (Isa. 55:1–7)

**Funda le ndima: “Wenani! Nonke ninxaniweyo, yizani emanzini, nabangenamali; yizani, thengani nidle!” (Isa. 55:1, NRSV). Impikiswano engako ingaba uyayibona apho?**

Makhe sithi, uthabatha ukutya ume esitratweni kwisixeko esikhulu wazise abalambileyo nabangenamakhaya abalapho: “Yho, nina bangenamali, yizani, thengani nidle!” bangathenga njani xa bengenayo imali? Phofu ke, xa wongeze amazwi, njengoko wenzayo uIsaya: “ngaphandle kwemali nangaphandle kwexabiso” (Isa. 55:1, NRSV), indaba icaca ngakumbi. UIsaya ubhenela ebantwini ukuba bamkele ukuxolelwa (Isa. 55:7) ngesisa. Kanti ke, igama thenga licinezela oko uThixo akunika abantu ukuhlangabezana nezidingo neminqweno yabo kunexabiso; ngoko ke, ukukwamkela kufuna utshintshelwano (ukuhambisa into enexabiso ufumane into ekwanexabiso). UThixo unika ngesisa uxolelo phakathi kothango lolwalamano lomnqophiso obuyiselweyo wabantu baKhe, kodwa kungangakuba usisisa kuYe: wakuthenga ngexabiso eloyikekayo neliqubhe egazini lowaKhe umKhonzi. Nangona usisisa, uze ngexabiso elikhwankqisayo kuYe.

**Laba yintoni ixabiso losindiso lwethu? Bona u1 Pet. 1:18, 19.**

**Ukuthetha kukaIsaya ngosindiso kufana njani nokweTestamente eNtsha? Efese 2:8, 9.**

UIsaya ufake phakathi zonke iindaba ezilungileyo zeTestamene eNdala, kwaye ziindaba ezilungileyo ezinye nakwiTestamente eNtsha. Kwakungekho lusindiso lo“mnqophiso omdala” ngemisebenzi, ekufuneka ludlulwe lusindiso lo“mnqophiso omtsha” wobabalo. Kususela kwisithembiso sikaThixo sikaMhlanguli kuAdam noEva (Gen. 3:15), yabanye kuphela indlela eya elusindisweni: lubabalo ngokukholwa (Efese 2:8); “isipho sesisa sikaThixo ubomi obungunaphakade kuKristu Yesu iNkosi yethu” (Roma 6:23, NRSV). Kususela kuGilgamesh wakudala, owenza ukuhlasela kobukrothi owafuna ngelize ubomi obungunaphakade, ukuza kubadlali beli xesha abakholelwa ekuzalweni enyameni ngokutsha, abantu bazame zonke iindlela ezahlukeneyo ukuya elusindisweni, kodwa bonke badinga ukuba bazi ngoYesu noko wakufezayo ngenxa yabo eMnqamlezweni.

**Usindiso lufumaneka simahla kuba akukho nto kufuneka siyenzile ukuze silwamkele. Imisebenzi yethu ayisokuze ilunge ngokwaneleyo ukuba isisindise. Kanti ke, kwangelo xesha linye, lunako ukusidla yonke into. Kuthetha ntoni oko? Bona, umzekelo, Mat. 10:39, Luka 9:23, 14:26, Filipu 3:8.**

## Inginga Neendlela Eziphakamileyo (Isa. 55:6–13)

**Kutheni le nto athi uThixo iinginga neendlela zaKhe ziphakamile kunezethu, “njengokuba amazulu ewuphakamele umhlaba” (Isa. 55:8, 9, NRSV)? Ucinga ukuba kuthetha ntoni oku?**

Akukho ntabuzo ukuba uThixo owadala iyunivesi ekuthi kuyo neyona nto incinane ibe nemfihlelo ezithi iingqondo zethu zingakwazi nokuqala ukuyihlola ubunzulu nguThixo ondlela zaKhe zingaphaya koko sinokuthi siqale ukukubamba ngokupheleleyo. Olu lwazi lobungangamsha baKhe baphakade lumele, ke ngoko, ukukwenza kube lula kakhulu kuthi ukulwamkela ngokuzithoba uncedo lwaKhe. (Bona uIsa. 57:15.)

**Funda: Isaya 55:6–9. Ithini indawo athetha kuyo uYehova ngokuba iindlela neengcinga zaKhe ziphakame kakhulu kunokuba sinokucinga? Uthi yintoni ayenzayo le inzima kakhulu ukuba singayibamba ngengqondo?**

Kuzo zonke iimfihlelo ezinkulu zeyunivesi, ngaphandle kwamathandabuzo, eyona inkulu kakhulu kuzo zonke licebo losindiso, imfihlelo esingakwazi nokuyiqala ukuba siyiqonde. (Bona uEfese 6:19.) Into yokuba uMdali weyunivesi wagoba ukuba azambathise ubuntu, aphile ubomi bokusebenza nzima nokubandezeleka, ukuze emva koko afe ngenxa yethu, umbingelelo wesono, konke ukuze akwazi ukusixolela nokusibonisa inceba yinyaniso eya kuhlala izichwayitisile iintliziyo zezidalwa zikaThixo kumaphakade asemaphakadeni.

“Umxholo wokuhlangulwa nguwona kanye iingelosi ezinqwenela ukukroba kuwo; uya kuba sisifundo sobunzulu-lwazi nengoma yabahlanguleweyo kwizizukulwana ezingayi kuze ziphele zamaphakade amaphakade. Ingaba asiyifanele ingcinga ezikisayo nokufunwa ngoku? . . . “Isifundo esi asigqibeki. Isifundo ngokuzalwa nasenyameni kukaKristu, umbingelelo waKhe ocamagushelayo, nomsebenzi wokuthethelela, uya kuyisebenzisa ingqondo yomfundi okhuthelweyo lo gama ixesha lisekhona; kwaye uya kuthi akukhangela ezulwini nakwiminyaka yakhona engenakubalwa, asuke adanduluke athi, ‘Inkulu imfihlelo yobuThixo.’” —Ellen G. White, *My Life Today*, p. 360.

**Khangela kwizinto ezimbi ozenzileyo: abantu obonileyo, amazwi enkohlakalo owathethileyo, iindlela obaphoxe ngayo abanye, kuthi chatha ke kuwe. Kuthi kunjalo, ngoYesu, ube nako ukuxolelwa kuzo zonke ezo zinto ume, njengangoku, ugqibelele ulilungisa emehlweni kaThixo. Ukuba leyo asiyo imfihlelo, ingaba yintoni?**

## Abahlobo Bozilo (Isa. 58:1–8)

**“Luzilo” olunjani olu kubhekiswa kulo apha kuIsaya 58:3?**

---

Olu lumele ukuba luzilo lweMini yoCamagushelo, ekuphela kozilo oluyalelwe nguThixo (Lev. 16:29, 31; Lev. 23:27–32). Oku kuqinisekiswa kuIsaya 58:3 ngesaci esihambelanayo “sizithobe” (NRSV), esilandela izaci zikaLevitikus. Ukuzithoba/ukuzivisa ubuhlungu kubhekisa kwiindlela ezahlukeneyo zokuzilandula, kuquka ukuzila (thelekisa neINd. 35:13; Dan. 10:2, 3, 12). Ukumila kweMini yoCamagushelo kuchaza umyalelo kaThixo othi, “Phakamisa izwi lakho njengesigodlo!” (Isa. 58:1). Olu hlobo lophondo lempongo, olubizwa ngokuthi yishofar, lwaluvuthelwa njengesikhumbuzo okanye ukukhukhumbuzo kuse ziintsuku ezilishumi ngaphambi kweMini yoCamagushelo (Lev. 23:24). Ngapha koko, wonke umnyaka wamashumi amahlanu, ngeMini yoCamagushelo, lwaluvakalisa ukuqala komnyaka weNtlokoma wenkululeko (Lev. 25:9, 10; thelekisa noIsa. 27:13).

**Funda: Isaya 58:3–7. Ukhalazela ntoni kubo uYehova? Yinto ni eyayingalunganga ngoku “zila” kwabo?**

---

Ingathi abantu babelindele ukuba uYehova abancome ngo“bungcwele” babo. Phofu ke, bayiqgwetha yonke le nto. Ukuzama ukuzilandula neMini yoCamagushelo yayikukubonisa umbulelo wabo nokunyaniseka kuYe ngemini umbingeleli omkhulu wayengena phambi kukaThixo ukuba ahlambulule ingcwele kuze ngokwenjenjalo abahlambulule nabo ezonweni ababesele bezixolelwe (Levitikus 16; thelekisa nesahluko 4). Izenzo zabo zazimele ukwenziwa ngokwamkekileyo nangombulelo kuThixo owayebasindisile ngemini yokohlwaywa, kungabi ukuze bazuze ukwamkeleka ngo“bungcwele” nokuzi“nikela” kwabo. Ngapha koko, yayizizono zabantu ezayingcolisayo ingcwele kaThixo. Kwakufuneka ihlanjululwe ngegazi elaphalala ngenxa yoko bakwenzayo.

**Esinye sezifundo ezibalulekileyo eziphuma kwezi ndima salatha kumahluko phakathi kokuba likholwa nje nokuba ngumlandeli onyanisileyo kaKristu. Siwubona njani umahluko apho? Thina, njengabantu, sijongene nengozi enye nabo bavezwe apha, ekukukholwa ukuba iinkonzo zenkolo yethu ngandlela ithile zibonisa ukuba ngokwenene silandela INkosi njengoko isithi masenze njalo.**

## Idabi Lokuzila (Isa. 58:1–12)

Iintsuku ezilishumi emva kokuba ukuvuthelwa kwamaxilongo kubakhumbuzile abantu bakaThixo ukuba uYehova ubabazwa njengoKumkani kanye ngeMini zoCamagushelo, xa ukuzithoba kwabo ngokuzilandula kuza kuqinisekisa ukunyaniseka kwabo kuYe njengoKumkani, umprofeti uphakamisa izwi lakhe njengesigodlo ukuvakalisa ukuba bamvukele [uThixo] (Isa. 58:1).

**Funda wonke uIsaya 58:6–12. Zeziphi izenzo uThixo azamkela njengezenzo eziyinyaniso yokuzilandula? Emva koko, kokuphi okunzima kakhulu ukutsiba izidlo ezimbalwa okanye ukusebenzisa ixesha lakho nemali usondla abangenamakhaya edolophini yakho? Nguwuphi umthetho-siseko onokubonwa uqhuba ezi zinto? Ezi zenzo ziyinxalenye njani yenkolo yenyano?**

---

Nabani na unako ukuba nenkolo; nabani na unako ukwenza iinkonzo ezilungileyo, ngexesha elilungileyo, ngazo zonke iindlela ezilungileyo. Phofu asikuko kukodwa akufunayo uYehova. Khangela ebomini bukaYesu. Nokuba wayenyaniseke kangakanani kwiinkonzo zenkolo yexesha laKhe, ababhali beegospile baqwalasela kakhulu kwizenzo zaKhe zenceba, ukuphilisa, ukondla, nokuxolela azinika abo babenentswelo kunokunyaniseka kwaKhe kwinkonzo yonqulo. INkosi ifuna ibandla, abantu, abaya kushumayela inyaniso elizweni. Sekunjalo, yintoni eya kubatsalela ngcono abantu enyanisweni njengoko ikho kuYesu: ukuhlala ngokungqongqo kwimithetho yokutya okanye ukuba nentumekelelo ukunceda abalambileyo? Ukuba ngqongqo ekuphumleni ngeSabatha okanye ukuba nentumekelelo ukuchitha ixesha lakho namandla wakho unceda abo banentswelo?

**Funda: Mateyu 25:40 noYakobi 1:27.**

---

**Khangela kwiintsikelelo kuIsaya 58 athi uThixo ziya kuza kwabo bafuna ukulungiselela kwabasweleyo. Ucinga ukuba uthini apha kuthi uYehova? Ingaba zikho ebomini bethu ngaphakathi ezi zithembiso zokungenelela kOngasentla xa sisenza ezi zinto? Okanye, mhlawumbi, ingaba uyasixelela ngentsikelelo yemveli esiyifumanayo ngokuzinikela kwabanye ngokuchasene nokuba nomona, ukubawa, nokuxakeka ziziqu zethu? Yichaze impendulo yakho.**

## Ixesha Lethu (Isa. 58:13, 14)

**Yintoni eyenza ukuba uIsaya axoxe iSabatha kuIsaya 58:13, 14? Kuhlangene ngantoni oku neMini yoCamagushelo yeendima ezingaphambili?**

---

IMini yoCamagushelo yaminyaka le yayiyimini yeSabatha. Le mini iyodwa yenkonzo yeSabatha yayifana neSabatha yeeveki zonke kuba lonke uhlobo lomsebenzi lwalusalelwa (Lev. 23:27–32). Ngoko ke, njengoko kwamkelwa ngamaSeventh-day Adventists okuqala, umthetho wokuba ixesha lophumlo lweMini yoCamagushelo lalisuka ekutshoneni lise ekutshoneni kwelanga (Lev. 23:32) usixelela ukuba okufanayo kumele kube kunye neSabatha yeeveki ngeeveki. Ngokukwanjalo, nangona okuphambili kokubhalwe kuIsaya 58:13, 14 iyiSabatha yamadini yeMini yoCamagushelo, isigidimi sayo sikwasebenza kwiSabatha yeeveki ngeveki.

**Funda: Isaya 58:13. Yimini emele ukuba ibe njani iSabatha? Singenza njani ukuba amava wethu eSabatha afane nala azotywe apha? Kwakhona, xa ucinga ngoko iSabatha imele kona, kutheni lento kufuneka ibe lolu hlobo ichazwe ngalo kule ndima?**

---

UIsaya 58 uthetha ngemixholo ehamba phambili emithathu: ukuzilandula, ububele ebantwini, neSabatha. Ihlange ngantoni le mixholo? Kuqala, yomithathu iquke ukuzikisa ingqondo kuThixo, okuhamba phambili kuYe, nokuvuma ukuxhomekeka kwethu kuYe. Okwesibini, ngokukwenza konke kokuthathu, abantu balandelana nobungcwele ngokulinganisa uThixo (bona uLev. 19:2), othi, ngokwemo kaKristu, wazithoba (Filipu 2:8), owabonisa ububele bokuzincama (Yohane 3:16), nowawuyekayo umsebenzi onzima ngeSabatha ekupheleni kweveki yeNdalo (Gen. 2:2, 3; Eks. 20:11).

**Khangela kula manye amaqhina phakathi komxholo wokuzilandula, ububele ebantwini, neSabatha njengoko kuzotywe kuIsaya 58: inkululeko yeSabatha ekusebenzeni nzima iiveki ngeeveki inobubele ebantwini kuba ibenza bahlaziyeki (Eks. 23:12, Marko 2:27); uYesu walubonisa uhlobo lwezenzo ezifanelekileyo ngeSabatha (Marko 3:1–5, Yohane 5:1–17); ukugcina iSabatha ngenyaniso kuzisa uvuyo (Isa. 58:14), njengoko kusenza njalo ukunceda abanye (Isa. 58:10, 11). Yintoni ekufuneka ibuguqule ubomi bakho ukuze uzixhamle ezi ntsikelelo wena ngokwakho?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

“Akakho onokwenza ububele obububo ngaphandle kokuzithiba. Kuphela ngobomi obulula, ukuzithiba, noqoqosho oluqinileyo esinokuba nako ukuwufeza umsebenzi obekelwe thina njengabameli bakaKristu. Ukuziphakamisa namabhongo ehlabathi kufuneka akhutshwe ezintliziyweni zethu. Kuwo wonke umsebenzi wethu, umthetho-siseko wokungasekelezi nzuzo okwabonakalaliswa ebomini bukaKristu kufuneka wenziwe. Ezindongeni zamakhaya ethu, imifanekiso, iimpahla zendlu [iifentshala], kufuneka sifunde oku, “Bangenise abangamahlwempu endlwini yakho.” Kwiindawo zethu ezigcina impahla yokunxiba kufuneka sibone umbhalo, ongathi ubhalwe ngomnye kaThixo, othi, “Yambesa abaze.” Egumbini lokutyela, etafileni ezele yimfumba yokutya, kufuneka sibone kukroliwe, “asikuko na ukumnika isonka sakho olambileyo?” Isaya 58:7.”—Ellen G. White, *Ulungiselelo Lwempiliso*, iph. 206.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Qwalasela kumbuzo uIsaya awubuza ebantwini bexeha lakhe: “Yini na ukuba nichithe imali yenu ngento engesiso isonka; nokusebenza nzima kwenu ngento engahluthisiyo? (Isa. 55:2, NRSV). Zibuzeni, zeziphi iindlela, ukuba zikho, esithi senze le nto inye, ukusebenzela nzima into engahluthisiyo? Yintoni eyenza kube lula ukungena kanye kuloo mgibe?”
2. Ukuba ukuzilandula, ububele ebantwini, neSabatha zazibalulekile ngeMini yoCamagushelo ngemihla kaIsaya, ingaba zisabaluleke ngolo hlobo na kwiMini yoCamagushelo yexesha lokuphela (Dan. 8:14), ekuza kuthi ngalo ixilongo lentlokoma likaThixo linike umqondiso wenkululeko yokugqibela ekufikeni kukaKristu kwesibini (1 Kor. 15:52; thelekisa noLev. 25:9, 10)? Yichaze impendulo yakho.
3. Eklasini, vulelani ingxoxo ngomba wokugcinwa kweSabatha. Nicinga ukuba uthetha ntoni uIsaya xa athi kufuneka sibuye ekwenzeni okuthandwa sithi ngeSabatha, kanti kwangelo xeshalinye siyibize iSabatha ngokuthi isiso “nwabiso” (Isa. 58:13)? Singakwenza njani kokubini? Gcina engqondweni apho ibhalwe khona indima epheleleyo kaIsaya 58.

**Isishwankathelo:** KuIsaya 55 no-58, umprofeti bhenela kubantu bakhe ukuba baziyeke iingcamango neendlela zabo babuyele kuThixo, onjongo yaKhe iphezulu ngolonwabo lwabo iphakame kakhulu kuneyabo. Uxolela ngenceba aze aqinisekise ukuba abo baxolelweyo babe nenceba, ngokuhambelana nomoya weMini yoCamagushelo kunye neSabatha, kuba isipho sikaThixo soxolelo, ukuba amkelwe ngokwenene, siyayiguqula intliziyo.